Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2020

ÉcoleBooks

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

Esisikhokelo sokumakisa sinamaphepha ali-9.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo / ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE / HAYI noNDIYAVUMELANA / ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO / LULUVO. Ukunika isizathu / ukunika ubungqina / ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyanisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo,makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Ibhayibhile. √ (1)

1.1.2 C / Ulutsha. √ (1)

1.1.3 Abantu abaninzi bayibiza ngokuba ingumlomo obomvu abanye bathi ngumqulu weendaba zokholo. √√ (2)

1.1.4 Itestamente entsha ineencwadi ezingamashumi amabini anesixhenxe √ ize endala ibe neencwadi ezingamashumi amathathu anesithoba. √ (2)

1.1.5 Liyindlela √ / libubomi √ / likukutya sakulamba √ / libubomi xa sifayo. √

**[Nasiphi isibini kwezi]** (2)

1.1.6 Ibhayibhile iqulathe ilizwi leNkosi. √√ (2)

1.1.7 Bubuxoki kuba abukho ubungqina obuxhasa oku. √ (1)

1.1.8 Abayixhasi kwaphela incwadi engelizwi ize imfundiso yayo ichasane nebhayibhile. √ (1)

ÉcoleBooks

1.1.9 Ikhampasi sisixhobo esisetyenziselwa ukunika izalathiso, √ eli gama liveza ukuba ibhayibhile isikhombisa indlela ebomini. √ (2)

1.1.10 ... ubuqhophololo √ / ubugwinta √ / umona. √

**[Nayiphi kwezi]** (1)

1.1.11 Siphuhlisa ukuba ayinye / zininzi izinto esizixelelwe yibhayibhile. √√ / Ayiphelelanga ekusilumkiseni ngosathana, isixelela nangezinye izinto ezilixabiso kubomi bethu kwakunye nezinto ezibonisa ukuhlonipha / udumo / imbeko. √√ (2)

1.1.12 UYobhi ukholelwa ekuthandazeni unokholo olude √ / ngelixa uHerode ebonisa inkohlakalo. √ (2)

1.1.13 Isitiya. √ (1)

1.1.14 Ukwakha indlu yakho ngezitena zodaka. √√ (2)

1.1.15 1. (b) Isiphumo. √

2. (a) Ingxaki. √ (2)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Bangabefundisi √ banxibe izipeksi √ / banxibe ikhola √ / bancumile, bava kamnandi √ / ngabantu abamhlophe / abeLungu. √
**[Nasiphi na isibini kwezi]** (2)

1.2.2 D √ / D umnqamlezo. √ / Umnqamlezo. √ (1)

1.2.3 Yikhola. √ (1)

1.2.4 Bukhona kuba xa ungumfundisi usebenzisa ibhayibhile njengesixhobo sokuvuselela ithemba kunye nokholo ebantwini. √√ (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7(inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**Ubalo-magama:**

ÉcoleBooks

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | Iingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo. | | Iingongoma ezinokubhalwa ngumfundi. |
|---|---|---|---|
| 1. | Gcina ithobi nocango luvaliwe emva kokusebenzisa indlu yangasese. Loo nto ibonisa indlela ozixabise ngayo kunye nendalo. | 1. | Vala ucango lwendlu yangasese xa ugqibile ukuyisebenzisa. |
| 2. | Musa ukulahla phantsi amaphepha endlwini yangasese, yingcine icocekile, kuba ucoceko yimpilo. Sebenzisa iphepha lokusula hayi sandla sakho, khumbula ukuba isandla sakho sesi uza kusisebenzisa xa usitya. Xa usenza njalo ukhusela iintsholongwane emzimbeni wakho. | 2. | Gcina indlu yangasese icocekile ungasisebenzisi isandla xa usosula, usebenzise iphepha. |
| 3. | Hlamba izandla ngesepha xa uphuma kwindlu yangasese. Sukugalela amatye, iiplastiki kunye nenkunkuma kwindlu yangasese. | 3. | Coca izandla ungafaki iiplastiki nenkukuma ethoyilethi. |
| 4. | Xa indlu yangasese iqala ukuba nevumba, galela uthuthu kangange nkonkxa ugqume kuba ivumba lingcolisa umoya esiwuphefumlayo lenze kunuke. | 4. | Xa ithoyilethi inuka faka uthuthu ugqume |
| 5. | Qinisekisa ukuba iventileyitha ivaliwe ngamaxesha onke. Gcina isiciko seventileyitha sivaliwe ngamaxesha onke. | 5. | Vala iventileytha ngalo lonke ixesha . |
| 6. | Musa ukutyela endlini yangasese kuba loo nto iyakudala amathuba ezifo kunye nokugula. | 6. | Sukutyela ethoyilethi kuba uyakuba nezifo. |
| 7. | Umgodi wenzelwe kuphela ukulahla ilindle. kwaye uyindawo ekhuselekileyo. Ngalo lonke ixesha ungaphakathi kwindlu yangasese zama ukuyishiya icocekile. Umntu owenza kakuhle ebomini usisibane esikhanyisela nabanye ukuba benze njalo. | 7. | Ithoyilethi yindawo ekukhutshelwa kuyo ilindle, mayihlale icocekile ngalo lonke ixesha. |
| | (122) | | (48 amagama) |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo

   - Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezi zizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Nesquik hot chocolate. √ (1)

ÉcoleBooks

3.2 Nestle. √ (1)

3.3 C / Bayayibawela. √ (1)

3.4 ... abaziva iintambo ngayo. √ (1)

3.5 Vitamin D √ / Zink √ / Iron √

**[Nasiphi isibini kwezi]** (2)

3.6 www.nestle.com. √√ (2)

3.7 Luyixhasile ngokupheleleyo kuba zonke izixhobo zokubhengeza zivelisiwe kwesi sibhengezo. √√

Aluyixhasanga ngokupheleleyo kuba awubhalwanga umnxeba woqhagamshelwano, kuthiwe ziluthotho izakha mzimba kanti zintathu kuphela kwaye azifakwanga iinkcukacha zokuba iphelelwa nini. √√ (2)

**[10]**

## UMBUZO 4

## IKHATHUNI

4.1 Basegumbini √ / ekhayeni √ kuba bayacaphukisana abazali bangenelela. √ (2)

4.2 Sukungxola. √ (1)

4.3 Liyayala / lilumkisa umntu ngesenzo. √ (1)

4.4 ... rum √ (1)

4.5 D √ / D ukucaphuka √ / Ukucaphuka. √ (1)

4.6 Kwisakhelo 3 ujonge qinisekileyo kuba unomsindo √ aze kwisakhelo 4 awathobe amehlo ebonakalisa uthando nokuzithoba. √ (2)

4.7 Luyijikile kuba ubonakalisa uthando nokuthobeka. √√

Aluyijikanga kuba ithoni yengxabano isaqhuba. √√ (2)

**[10]**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 5

## IPROZI

5.1 5.1.1 Imibane. √ (1)

5.1.2 C / Isihlanganisi. √ (1)

5.1.3 Yenza umzi ube shushu. √√ (2)

5.1.4 Sebenzisa √ isixando sokwenzisa. √ (2)

5.1.5 Umsasazi √ usasaze iindaba kakuhle namhlanje. √√ (3)

5.1.6 ... omkhulu √ isiphawuli. √ (2)

5.1.7 ... zikude. √ (1)

5.1.8 ... kwenzekile ukuba ucime umbane. √

**[Nasiphi isvakalisi esichanekileyo sakwamkeleka]** (1)

5.1.9 Isibane masisoloko si**ku** √ futshane kuwe. (1)

5.2 **UMFANEKISO**

ÉcoleBooks

5.2.1 Ndiwine umgrugra √ webhaso lemoto. √ (2)

5.2.2 “Le mini iyeza nakum”, √√ utshilo. (2)

5.2.3 Emva kwesikhombisi / isalathisi iceba liyashiywa. √√ (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**